Amanzi afunxwa ziingcambu ngoboyana obungathi bubulembu beengcambu obukhula phaya kwiincam zeengcambu. Athi ke la manzi adluliselwe kweyona ndawo ibalulekileyo, le ndawo isisiq sengcambu, ahambe ngayo ethunyelwa ngaphandle esiqwini sesityalo nasemagqabini. Obona bukhulu besityalo buba ngaphantsi komhlaba! lingcambu ziyakhula zona side sibe isityalo sifile. Ubungakanani bokucetheka kwanobuninzi bobu bulenjana buyamangalisa. UPhando lufumanise ukuba isityalo esinye serayi sineengcambu ezingaphezulu kwezigidi ezilishumi elinesithathu (13), ezithi zakudityaniswa zenze ubude obungangeekhilomitha ezingamakhulu amathandathu anamashumi amabini anesithathu (623 km)! lingcambu zezityalo ezilolo hlobo zihla nzulu ukubhek'ezantsi ngendlela emangalisayo. Ingcambu engunozala wezinye iiingcanjana (etepfuruthi) yomthi wom-Oki inganobude obuziimitha ezingamashumi amathathu ananye (31 m)! lingcambu zingayinkathazo ngamanye amaxesha, ngenxa yokukhula zizalise indawo ekuhanjwa kuyo ngeenyawo okanye ziphazamisane nemibhobho yamanzi. Kambe nakuba kunjalo, uncedo lwazo alunakuthelekiseka nengxaki eziyenzayo, ngenxa yokuba izityalo ezibufana neengcambu njengezo ziziindumba (tubers) nezo zizizitswele (bulbs) zikukutya okuphambili ebantwini. Iminqathe, iradishi, iitapile, iibhatata netswele (anyanisi) sisiseko sokutya kwabantu. Ikonomfile (igalikhii) ngokwayo – ikwasitiswele – kwaye iba sisiqholi sokutya.



Jonga ukuba ungakwazi na ukuhlola umhlaba kwiphepha 35.

(See whether you can do the soil test on page 35.)

Tyhila kwiphepha 5. Yiba nomfanekiso-ngqondweni uze ubhale izihloko zayo yonke le mifanekiso.

(Turn to page 5. Use your imagination and write captions for all these pictures.)

Ubusazi ukuba?

- Igama uADAMA lithetha umhlaba ngesiHebhere. Igama uAdam ke ngoko ngentetho ethengqo, lithetha ukuthi- into eyenziwe ngomhlaba.
- Umhlaba usisiseko sokuphila kuba kuwo apha kukhula ukutya esikutyay. Umhlaba wathatha iminyaka emininzi ukudaleka, kodwa ngoku uya uphela ngokuphela ngemizuwana nje.
- Kunyaka ngamnye kulahleka iitoni ezingamashumi asixhenxe anesihlanu (75 tons) zezigidi-gidi zomhlaba ochumileyo ngenxa yokhukhuliselo lomhlaba.
- Umhlaba ubamba ucine kuwo umoya omninzi oyikhabhonida-oksayidi oba kwisimo esiyikhabhoni ye-organiki ukuze uthinteleke ungaphumeli ngaphandle emoyeni ophefumlwayo.

WHAWU! Umlinganiselvo ongamasumi amabini anesibini eepesenti (22%) zomphezulu womhlaba ungasetyenziselwa ukuvelisa ukutya esikutyay okulinganiselwa kumashumi alithoba anesihlanu eepesenti (95%). Ngaphezu koko – umhlaba awuloncedo nje oluphambili lwendalo olulungiselelwe into ethile kube kuphela.

Kumnandi ukwazi:

**Yeyiphi engahambelani
nezinye kwezi? (Ungachaza
ukuba kutheni
ingahambelani nezinye?)**



Isadlunge/isiqwane



Ikhala



Irozi



Ifeni



I-azaliya



ISAHLUKO 2

Encinane, encinane kakhulu, ecekethekileyo

Ezi zinambuzane zincinane ngaphezu kwento eyaziwa ngokuba incinane, zide zibe ncinane nangaphantsi kwesingxi esisekupheleni kwesti sivakalisi. Ezi zizilwanyana ezincinane kakhulu kanti kukwakho nezinye izinambuzane eziphantsi komhlaba eziceketheke kakhulu ngokungathi ngumnaatha wendlu yesigcawu. Akukho mntu unokuzibona ngamehlo enyama, ngaphandle kokuzibona ngeliso lemayikhroskopu. Ngaloo ndlela ke uya kulibona elinye ilizwe lezinto esiphila nazo. Ikomityana nje enye yomhlaba inentaphane yezinambuzane ezincinane kakhulu, izigcawana ezingalingana namangolwane, intsholongwane zebhaktheriya ezincinane ngokugqithisleyo, umgundo nemibungwana emincinane kakhulu ebonakala ngeliso lemayikhroskopu ekuthiwa ziinemathodi (nematodes).





Ehlathini



Isadlunge/isiqwane



Ngoku ke tyila kwiphepha 11. Wakha wasibona esi sidalwa? Le nto ke yile kuthiwa lingolwane lomhlaba xa lijongwe ngento eyenze lalikhulu ngokuphindaohindwe kangangama-556. Likhulu, andithi? Khawucinge ukuba ubumkhulu ungangendlovu! Zama ukuchaza esi sidalwana sincinane ngamagama angedlulanga kwali-100.

Izikelemi:

Inemathodi ngelinye igama zibizwa ngokuba yimibungu yohlobo oluyi-roundworm okanye ii-eelworms. Igama u-nematode lisuka kwigama lesi Grike elingu-nema othetha into engumtya. Ezi zinambuzane ziceketheke ngokokude zibe ngaphantsi nakumsono wentambo yesigcawu. Lo ngumbungu owakawa wamcinanane kakhulu obonakala ngeliso lemayikhoskopu kuphela. Kambe ke ungabhidiswa bubuncinane bayo obu unga hoyi. Kaloku olu hlobo lweembungu lukeleme/lubukhali kakhulu kwaye luthi luhlasele iingcambu zesityalo. Kuvela amaqhuma angqindillii kwindawo ethi isitshabalise kuyo isityalo. Ukuba zithe zahlasela indawana ethile yomqlaba ezi roundworms, akungekhe ukwazi nokulima neetapile ezi kuloo ndawo kuba zikukutya kuzo. Eyona ndlela inobulukmo yokugxotha ezi roundworms kukutala iAfrican marigold enevumba kule ndawo yonakaliswe yile roundworm. Ivumba lesi sityalo liyazigxotha ezi zikelemi!

Umaqhingashe womngundo (iraskeli):

Olunye udidi lomngundo ongaphantsi komhlamba obizwa ngokuba yi Fayithofera – lo mgundo mbi ukhula kakhulu, kwaye uyachuma bubushushu nakukufuma uze laa mngundo ungumaqhingashe (iraskeli) uhlasele iingcambu zezityalo. Izitalo ezifana nesadlunge/siqwane kunye neemponypony/avokhado ziba licham lokuhlaselwa ngumngundo ifayithofera-raskeli.

libhaktheriya ezelungileyo:

Ibhaktheriya eluncedo ekulungelelaniseni iNayitrojini iye itsale inayitrojini ehlabeni iyiguqule ilungele ukuba isetyenziswae zizityalo. Ngaloo ndlela ke iba yibhaktheriya enobuhlobo nelungileyo ezityalweni. Ezi 'bhaktheriya zingabahlobo' zenza amaqhunyana ezityalweni athi afunxe inayitrojini ehlabeni ojikeleze isityalo.

Khawuthi tsi gxada esitiyeni okanye uye kwibalda
lebhola ekhatiyawo okanye elombhoxo ufike
ukhangele isityalo esiyiklova okanye isityalo se-ertyisi
kwindawo olime kuso imifuno. Tsala ngononphelo
isityalo eso usincothule emhlabeni uqwalaasele
iingcambu zaso. Uya kuphawula ukuba
zinamaquhuvhvana amancinane ezingcanjini enziwe
yibhaktheriya ejika inayitrojini evela emoyeni ilungele
ukugcinwa emhlabeni. Ngummangaliso omncinane
wendalo owenza abantu bathi manga kukubona
amaggatyanan amane eklova (enqabilleyo) esizisa
uncedo ezityalweni. Yinkolelo engenakuphikiswa
kakade leyo. Kambe ke iklova ikunye nezityalo
eziziindumba (njengeluseni, iiertyisi, iinqoba
ezigrunjwayo, iimbotyi ezivisoy) zizityalo ezeluncedo;
genxa yokuba ziphucula umgangatho womhlaba.

Iklova ikwasebenza njengesilimo esilunge ngokokodwa kwidlelo lezilwanyana ezifuyiweyo.
Ngaphezu koko, iklova njengento eluncedo oluphambili, yenza ubusi bunambitheke.



QAPHELA: Ungabhideki!

- Xa zikho emhlabeni izitshabalali eziyimibungu yohlobo oluyi-eel, uya kufika iingcambu zinamaqhuma angathi ziintsumpa kwaye ziyaphithana.
- La maqhuvhvana ke abonakala ezingcanjini zee-ertyisi enziwa zezi bhaktheriya zilungileyo zilungelelanisa inayitrojini ikwazi ukusebenziseka.

Umngundo (iFangi):

Uninzi lomngundo oyifangi (umz. iinkowane/amakhowa) avela, aze aphile kwintsaleta yezityalo nezilwanyana ezifileyo. Imisontwana/iifilamenti (imisontwana ecekethekileyo ekhulayo) yomngundo/yefangasi iphumo izibambeleli ezifana nentanjana eyenza umnatha wendlu yesigcawu. Lo mnatha uye uyithi wambu yonke indawo eyintsalela yesityalo okanye eyesilwanyana. Ngale



Jonga kwiphepha elinozobo kwiphepha ??? Yintoni igama lesi sixhobo ajonge ngaso umhlotyana wethu? Sisetyenziswae kweyiphi into?



Ubulembu/umngundo



iiLitsheni



Izityalo ezingamavula-ndlela



linkowane ezingamagwegwe

ndlela ke ineda kwinkqubo yokubola. UMngundo wefangi ke ngoko ubaluleke kakhulu ngendima oyenzayo ekuboliseni izinto.

Izitulo zemikholonjane (ii-elves):

Umngundo oligwegwe (izitulo zemikholonjane) uba kwiindawo ezinohlaza olungamaggabi ehlathini kanye kwiziq uzbolayo zemithi. Lo mngundo ungmuhlobo obaluleke kakhulu emhlabeni, kwaye wenza indima ephambili njengesibolisi ehlathini, ukhupha izondlo zemithi emide emva kokuba iwile yaza yafa.

Izitalo ezingamavula-ndlela:

Ilitsheni zinjengamavula-ndlela belizwe lezitalo. Kwizitalo ezihluma kwindawo eyomileyoenorhexe/enamatye, izitalo zokuqala, okanye ngaxesha limbi izitalo eziba kukuphela kwazo ezmilayo kule ndawo, zilitsheni eziye zithi gqa gqa apha naphapha kwiindawo ezinamatye, yaye ziya kwazi ukumila nokuba azimili mhlabeni. Ezi zitalo zingaqhelekango zivelisa i-asidi enceda ekwenzeni umphezulu wamatye ukwazi ukuhekekka. Ilitye elirhumkayo kune nentsalea yeelitsheni lithi kamva lenze ubulembu bilitye imosi. Obu bulembu bunendima enkulu ekwenzeni umhlabu aphi ezinye izitalo ziyi zikwazi ukuzenzela iingcambu khona. Luthi Iwakubola olu hloba lwezitalo zikhula zithi nca phantsi, ziguquke zibe yinxalenye yomhlabo


Ubusazi ukuba?

- Ezinye iintaka zisebeniso ubulembu imosi xa zisakha iindlwane zazo
- Imosi ikhusela umhlabo ngokuwambesa ukuwunceada ungakhukhuliseki.
- Ilitsheni yona isetyenziswa njengedayi, kwave yenza ilitmus (umchiza ojikwa yi-asidi ube bomvu), eyidayi esetyenziswa ukukhangela ukuba ne-asidi kwento.
- Ingumngundo nayo iyisti eneseli enya le yenza ukuba intlama inyuke.
- Ikwangumngundo nalo ububoya obumpukumpuku oye ngamanye amaxesha uphume esonkeni esidala.

WHAWU! Ikota (25%) yezinto eziphila ehlabathini, iphila emhlabeni.

Kumnandi ukwazi:

Gqibezela lo mzobo wentyat�ambo isadlunge.



Uyawabona amangolwane anombala obomvu kula maphepha 13 Kunye 42. Ngoku ke phendula le mibuzo ilandelayo: kutheni ebomvu ngombala? Ingaba atya ntoni? Akunceda njani ukuphilisana kwezinto okanye iekhosistim?




ISAHLUKO 3

Ubomi esihamba phezu kwabo



Zikhona kwindawo yonke izinto ezinambuzelayo. Ezinye zazo zisenza sihanjelwe ngumzimba, ezinye zisenza soyike. Ezi zinambuzane sinyathela phezu kwazo sidla ngokuzithumela ngesitshabalalisi-zinambuzane. Okanye sizicumza nangeenyawo, singakhange sicinge kabini ngazo. Ezinye zazo zincinane kakhulu kangangokuba azibonakali nokubonakala emehlwani, ayisathethwa nokuthethwa ke yona eyokwazi ukuba zibaluleke ngantoni na kanene. Kanti ke ezi zinambuzane, ooqongqothwane, 'irhorho' zihlala kolu hlaza lwambese umhlaba azinakufaniswa nanto ngexabiso lazo. Ngaphandle kwazo ingaphawuleka msinyane into yokuba umhlaba, izityalo, izilwanyana kanti nobomi ngokwabo bungaphelewa. Ezi zinambuzane zinambuzayo sizoyikayo zisincreda ekucukucezeni kananjalo zingcwabe inkunkuma ezizityalo ezifileyo kunye nentsalela yezilwanyana ezifileyo. Ngaphandle kwazo umhlaba ungaqina uxinane njengelitye. Ngenxa yaloo nto ke azinakubakho nezi tonelana ziphantsi komhlaba ezimbivi za intubi, ziimbavane okanye yimbungu, oko kuthethe ukuthi umoya namanzi akayi kubanako ukungena emhlabeni.





Chaza zonke izidalwa ezikule mifanekiso mithandathu 1-6. (Identify all the creatures in these six pictures 1-6). Jonga kwiphepha 17. Thelekisa imifanekiso kwiphepha 81 kunye nala mifanekiso. Ingaba zikhona izinto ezifanayo kuyo?

Imisundululu:

Imisundululu yeyona iphambili ekuMbeni umhlaba kwizinambuzane zonke ezizimba-mhlaba! Imisundululu ngamakhuba aphilayo. Ayinabungcaphephe nje ekumbeni kodwa, koko ikwangabakhi ababaluleke kakhulu. Kwafunyaniswa ukuba kwi-akire nganye enomhlaba olungileyo, imisundululu yiyo ephethula umhlaba ongalinganiswa neetoni ezilishumi elinesibhozo (18 tons) (umhlaba okutshwa yimisundululu kuthelekelelwa ukuba ulingana neendlovu ezisixhenxe) kumhlaba ongaphezulu, iwukhuphela ngaphandle unyaka nonyaka! Le misundululu ikwenza oko ngokuwutya iwuginye umhlaba ivula indlela yawo, kucolwe yonke into ekuloo mhlaba iwutyileyo esiswini sayo, izinto ezifana oko namaggabi afileyo nezinye izinto ezifileyo ezikuwo, ize iyikhuphe ngokuyityekezelu kumhlaba ongaphandle ubo njengomhlaba onezechumiso ezininzi. Ngokwenza oko, imisundululu iphucula umgangatho womhlaba ngokwenza kungene umoya namanzi atyhutyhutyhutye kwootonela zayo. Xa usimba ngomhlakulo esitiyeni isilwanyana sokuqala oya kuthi usibone ngumsundululu.

Lumka!

Ukusuka kwesona silwanyana sincinane ukuya kwesona sikhulu, yonke into esisidalwa ephila emhlabeni ikukutya komnye umntu. Kambe naphaya emingxunyeni akukho lukhuseleko ngokupheleleyo. Amabhungane omhlaba, iinkuma nezinye izinambuzane ezizingelayo zisoloko zikhangela amaxhoba akukutya kuzo.

- linkuma zizalela amaqanda azo kumhlaba ofumileyo, zisebenza kakhulu ngobusuku zizingela imisundululu.
- Oonomanxelana bakha izigu ezikhangeleka okwefanele esantini baze balindele ixhoba phantsi kwesanti leyo ezantsi ekupheleni kwesi sigu (ingayimbovane okanye nokuba sesiphi esinye isinambuzane) esiya kuzifaka kweso sigu. Eso sinambuzane sibe seshweni ke, siba lixhoba lokubanjawu ngumomanxelana ngezo ziminxisi zakhe zibukhali, asitye.
- Amanzi amanzinzi kakhulu asoloko eyingozi kwizilwanyana eziphila phantsi komhlaba. UMhlaba omanzi, umzekelo, ukhuphela imisundululu ngaphandle aplo iintsizana eziyimisundululu iye ilinde khona ukuba ade acutheke amanzi ngaphantsi komhlaba

Izimba-mhlaba ezincinane:

Abanye ooqongqothwane, amabhungane nezinye izinambuzane zomhlaba. ubukhulu becalo zibuphila phantsi komhlaba ubomi bazo, ezinye zigrumba iitonela okanye imingxuma zize zizalela okanye ziwafihle khona amaqanda azo.

- Oonomadudwane besanti bazenzela iindawo zokuhlala emingxunyeni kwimimandla enesanti eyomileyo. Unomadudwane oyimazi uyalithanda ikhaya lakhe – uhlala aplo emngxunyeni okanye ahlale kufuphi nawo.
- Imazi yeSigcawu sendlela izalela amaqanda ayo emngxunyeni ngaphantsi komhlaba.
- Uqongqothwane utoktokkie uzalela amaqanda (lilinye kuvo lingangeemilimitha ezintandathu ubude (6mm) kwimingxuma emdibi okanye engenzulwanga kakhulu. Imibungu ithi iqanduselwe emhlabeni. Utoktoki lo ke uye enze ingxolo enkulu enkqonqoza phantsi emhlabeni ephakamisele phezulu umzimba ongasezantsi ebiza inkunzi. Ithi xa igrumbayo inyenzane embayo ikhuphe iingqumbana zomhlaba ezifana neziduli zentuku. Imingxuma iye ibe ngangemitha yonke ubunzulu. Isandi sokutswitswiza kwayo xa ikhala inyenzane eyinkunzi elolu hlubo isenza intlokoma ephuma emngxunyeni – iba ngathi kutsho isixhotyana esisandisi-lizwil!
- Unomeva wesanti oyimazi wenza indlwana yakhe ngokugrumba itonela elibude bungangeemilimitha ezingamshumi amahlau (50mm) eliya emngxunyeni wakhe phantsi komhlaba. Uye awududulele emva umhlaba ngentloko nangemilenze yakhe, aze awukhupheli ngaphandle kwale tonelana ngemilenze yangasemva. Emva koku umbundane utsalwa ungene ngeli tonelana uye kufakwa emngxunyeni. Uzalela iqanda libe linye phezu kombundane, ukwenzel'ukuba intshontsho lakhe elisengumbungu litye lakuqanduselwa

Tyhila kwiphepha 52 wenze oku 'Ubusazi ukuba" - ikhwizi 'uShwankathela'- kunye nekhros wedi.



okanye lakuphuma eqandeni. Ekuggibeleni unomeva udiba ngesanti emlonyeni womngxuma ukuwufihla. Yhoo! Onjani yena ukukhalipha nokuba krelekrele unomeva mama!

Izinto ezilungileyo nezingalunganga?

Phaya endle, kukho iintubi eziluncedo ekuphumpeni uhlaza nemithi efileyo. Ezinye iindidi zeentumbi zikwayiyo nengxaki enkulu kuba ziyawonakalisa amadlelo, izityalo nezitiya kwanezakhiwo ezenzihiwo ngemithi.

"Umbundane" ligama elibhekiselela kuzo zonke iindidi zeminyiki, apho unini lwayo lunemikhwa efanayo. Ebudeni bemini umbundane uzimela phantsi komhlaba uphume ebusuku ute iziqu zezityalo ezisahlumayo.

Iminyikana yezinambuzane ezifana neempukane ihlala kwiitonela phantsi komhlaba.

Imazi yentethe isebezisa umzimba waye omde ongezantsi ukumba umngxuma onzulu kangangeemilimitha ezilishumi (10mm) emhlabeni ize izalele amaqanda athi aqanduselwe phantsi komhlaba. Athi loo maqanda akuqanduselwa, amantshontsho entethe anyuke ngokubambelela ngemilenzana yawo enezinto ezbunzipho zokubambelela andule aphumele ngaphandle.

Imibungu yebhungane imhlophe, kwaye mikhulu kakhulu. Le mibungu idla ngokufumaneka ebulongjewi okanye emgqubeni ofunjiwego. Eminye yale mibungu idla iingcambu zezityalo, ngeli xesha lona ibhungane elindala lisitya isiqu samahlumelo ezityalo kanye apha esikhondweni sesityalo. Ngokwesi sizathu ke zithathwa njengezitshabalalisi-zityalo kwimihlabu elinyiweyo nakwingca etyaliwego (iloni)

Uninzi lweembovane ludla ngokwenza iindlwana zazo ngaphantsi komhlaba, ngaloo ndlela ke ziwenza ukwazi umhlaba ukungenwa ngumoya. Ezinye iimbovane zimba nzulu kangangeemitha ezintandathu (6m) ukuya ezantsi. INKubabulongwe ihlala ebulongweni bezilwanyana ize iqengqe iibholo zobulongwe izimbele phantsi komhlaba. Ngokwenza njalo ezi 'zimba-bulongwe' zinceda ekuchumiseni umhlaba ukuze kukhule izityalo. Ezi zityalo zikhula kulo mhlaba unezi zichumiso ziye zikhule kakuhle.

Ubusazi ukuba?


- Imisundululu ayinanyawo, kodwa inoboyana obuncinane kakhulu obusetyenziswa njengemilenze ukuze ikwazi ukubambelela ngabo ngeli xesha isiya phambili okanye ishwabanisa imizimba yayo.
- Intloko yomsundululu itsolo, kwaye yenza kube lula ukugrumba itonela kumhlaba onamahlalutye angaxinananga.

- Ingafikelela kwizigidi-gidi imisundululu kwisiqwengana nje sehektare enye yomhlaba (indawo engangangesiqingatha sebala lombhoxo/lebholt'ekhatywayo).

WHAWU! Owona msundululu wakha wamde ehlabathini wafunyanwa eMzantsi Afrika – wawungangeemitha ezintathu ezineesentimitha ezingamashumi amathathu anesihlanu ubude (3.35m)!

Kumnandi ukwazi:

Nceda iimbovane zifikelele kubahlobo bazo.



Uyambona uqongqothwane kwiphepha 79 Uyyazi ingoma kaqongqothwane? Yenziwe zizandi eziphindaphindayo zeziqhakancu zesiXhosa. UMiriam Makeba, imvumi yodumo yaseMzantsi Afrika wayenza le ngoma yaduma.

I-gqi-rha len-dle-la ngu-qo-nqqa-thwa-ne (x2)

E-be-qa-be-le-gqi tha-pha-ba-thi ngu-qo-nqqa-thwa-ne (x2)

Ngoku ke fundisa abahlobo bakho le ngoma imnandi kaqongqothwane yesiXhosal Kufuneka ube Nomonde xa ubafundisa ukuze bazifunde ngokuchanekileyo zonke izandi zeziqhakancu.



ISAHLUKO 4



Ukuqhekeka koMhlaba

lintaka, amafudo, amaxoxo, iinyoka, imikhombe
kunye nazo zonke ezinye izilwanyana – ukusuka
kwezikhulu ukuya kweyona mpukwana incinane,
zonke zixhomekeke emhlabeni. Ezinye zazo zizenzela
iindlwana zazo ngomdongwe kwiimfanta
eziselupahleni lwendlu, kanti ezinye zihlala
kwiitonela ezingaphantsi komhlaba zikhulisele kuzo
amantshontsho azo. Njengoko uhlaza lulikhusi,
isisele okanye idladla okanye indawo yokugcina
ukutya, nawo umhlaba ngowokukhuliselisa
kwanendawo yokuhlala ekhuselekileyo emomiyeni
nakwimozulu. Ezinye zithanda umhlaba omanzi
ukuze zizibhuqe kuwo.

Udaka ummangaliso:

Imikhombe emhlopho iyakuthanda ukuqubha
eludakeni. Udaka lukwasivuthululi-makhalane oluthi
lwakoma ave, kuba nazo ezo zifunxi-gazi
zingathandekiyo zifumana izindlu kwakulo mhlaba
okwazo! linyathi ziayakuthanda ukuzipholisa
emachibini odaka ngemva kwemini eshushu yehlobo.
Ingulube nayo iayazzi into yokuba ukuzibhuqabhuqa
eludakeni yinto emnandi nenempilo kuba udaka
luyapholisa kwaye lukhusela isikhumba sayo
kumanxetyana enziwe kukuluywa zizinambuzane.





Singoobani? 1-5

Izindlu zodaka:

Inkonjane iyakha indlwane yayo ekoneni yeverenda. Imbonakalo yale ndlwane ifana ne-iglu (eyindlu yamaEskimo) enomnyango ojunge ezantsi, kwaye yakhiwa ngezicukwana zodaka. Indlwana yodaka yenkonjane yensiwa ngezicukwana zodaka ezifikelela kumawaka amahlau (5000) nangapezulu xa sukuba kusakhiwa iindlwana eziphakamileyo, kwaye ezi ndlwana zihlala iminyaka eminini zingonakalanga.

Amahodi anikisa ngemingxuma yawo:

Amadada asendle (Shelducks) azalela ebusika kwaye asebenzisa imingxuma emikhulu eseyigrunje zezinye izilwanyana ezifana nehodi (isidla-mbovane), incanda, nomvundla. Lo mgxuma ugrunjwa ube mde ude ufikelele kwelinje igumbi elikhulu eliba sekupheleni komngxuma – ngamanye amaxesha ukhe ube nobude obungangeemitha ezilithoba (9m) ukusuka emlonjeni womngxuma- liwazalela kule ndawo idada lasendle amaqanda alo nadla ngokuba lishumi (10).

LiNtaka zobusi zintaka ezithanda iindawo eziphezulu, zidla ngokwakha iindlwana zazo phezu kwendlu yehodi (isidla-mbovane).

Izindlu zamahodi eseziphenzile ziy'e 'zisetyenziswe' zizilwanyanga ezinini ezifana nodyakalashe omthendevu kunye neengulube (iihagu zasendle). Ezi zilwanyana ziyisebenzisa imingxuma yehodi njengamakhaya azo okanye indawo yazo yokuzimela. Imazi kaxam izalela amaqanda ayo ngaphakathi esidulini seentubi eziphilayo. Uxam umba umgxuma oya ngqo kwindawo ezihlala kuzo iintubi aze azalele apho amaqanda angamashumi amathandathu (60). Iintubi ziy'e ziququzele ziyilungise indawo yazo ukuze amaqanda kaxam ahlale kakuhle endlwani. Aye ahlale ngokukhuselkileyo amaqanda kule ndawo. Kuthi emva kokuna kwemvula aqanduselwe, amantshontsho kaxam aye ombe ngokwawo aphumele ngaphandle ngenxa yokuba isiduli sithambile ngenxa yokuna kwemvula!

Abahlali baseziFlethini:

Unomaphelana yintaka edla izinambuzane ezbibhabhayo (Carmine) esebeenzisa imiqobo eyisanti emlanjeni ngokugrumba iitonela ukuze izale kuzo amaqanda ayo. Xa zithe zafikelela kuma-5000 ezi ntaka ziy'e zenze iitonela zokuzalela enyeleni yomlambo. Inkangeleko yezo ndlwana iba ngathi zizakhiwo eziziflethi!

Abombi nabaxhoxhi:

- Amaxoxa ahlala ngaphantsi komhlaba ubukhulu becalo. Emba esebeenzisa imilenze yawo yangasemva ukududula umhlabu, ngokwenza oko aya esithela ngokusithela ngaphantsi komhlaba.
- Unomademfu (shovelnose frog) – njengoko negama lesilungu lisitsho! Eli sele limba ngentloko kugala, lisebeenzisa incam yomlomo wayo otsolo oku komhlakulo osisikupu.
- lHodi (isidla-mbovane) lomelele kakhulu yaye linemikhono/imilenze yangaphambili eqinileyo neempuphu ezbukhali elithi grumbe ngazo indawo yayo yokuhlala ngomzuzzwana. Ngezo mpuphu zalo liya kwazi ukumba isiduli seembovane likhangale ukutya kwalo elikuthanda kunene – iimbovane neentubi.
- lintuku zifumaneka kwihlabathi liphela kodwa kunqabile ukufane zibonakale, ngenxa yokuba zihlala phantsi komhlaba ubomi bazo bonke. Njengokuba zigrumba iitonela zikhangela imisundululu, ukutya okuzinambuzane nezitswele, ziy'e ziwidudule ngendlela emangalisay umhlabu ziwukhuphela ngaphandle ngeempuphu zazi ezbukhali nezizibhexe okweenyawo. Lo mhlabu uvunguziweyo ujulwa ngaphandle wenze iziduli. Xa ubona iziduli zentuku kwiloni yakho yazi ukuba kukho ubomi obuphantsi komhlaba.

Indawo zokubalekela:

Izimba-mingxuma exzinini ziy'e zenze iindawo zokungena nezokuphuma phantsi komhlaba ukuze zikwazi ukubaleka iinyoka noodyakalashe.



1

Ixesha lokulala:

lindubule zizimela phantsi komhlaba ixesha elininzi enyakeni ziphume kuphela xa zifuna ukuya zize xa iqalisa ukuba imvula ibe lixesha lokuzalwa kwezabonkolo/ amantshontsho azo. Ubude bemingxuma yazo bungangangemitha ukubheka ezantsi kumhlaba oyisanti. Xa kome kakhlulu kunqabe imvula, zihlala phantsi komhlaba iminyaka emininzi.



2

Isifukamiselo:

Amafudo azalela amaqanda awo kwindawo evulekileyo emhlabeni apho imazi iye igrumbe izalele igqumelele ngomhlaba ngendlela engaqhelekanga noxa ikhuselekile nje. Oko ikwenza ngokugangatha ngamanqina angasemva, ibhambatha umhlaba ulale phezu kwendawo ebeku kuyo amaqanda ayo 'esisifikamelo'. Athi akuqanduselwa la maqanda ambhoxo, amantshontsho ofudo aphume ngokugrumba ngokwawa.

Imazi yesikhotsholo ivula indawo kumhlaba ofumileyo phakathi kwamaggabi ize izalele amaqanda amakhulu athambileyo alishumi elinesihlanu (15) amaqokobhe awo asisikhuselo esibuthwathwa. Ihlala kufuphi nendawo ezalele kuyo igade ilindele ukuqanduselwa kwamantshontsho ayo. Athi akuqanduselwa akwazi ngoko nangoko ukuzikhathalela ngokwawa kwaye athi evela nje abe seziinyokana ezinetyhefu eyingozi.



3

Ilali ephantsi komhlaba:

Amagala aya kwazi ukumelana, yaye aphile kwiindawo ezome kakhulu. Agrumba iitonela ezibheke ezantsi ukuze kuthi kwakuba shushu kakhulu, abaleke aye kuziphola kwindawo yayo epholileyo. Le 'mizi' ingaphantsi komhlaba ayigrumbayo iba 'namagumbi' amaninzi anxibeeleneyo. Kubakho neendawo ezininzi zokuphuma. Amagala akhe ahlale kunye nolunye udidi olungumzala wavo ekuthiwa yomongoose kwakunye noonomatse (izikwireli).

Ubusazi ukuba?

- **Ibuzi** lasentlango (Hairy-footed gerbil) elinemilenze enoboya lihlala ubukhulu becalo kwiindawo eziyintlango, kwaye anoboya obuninzi ezinyaweni – njengoba negama layo lesilungu lisitsho. Oku kulinceda likwazi ukuhamba lula kwiinduli zesanti kwaye bukhusela iiintupha zalo ebushushwini besanti.
- **lingulube** (izidla-mbovane) ngamanye amaxesha ziye 'ziluvale ucango' zakuba ngaphakathi emingxunyeni yazo ngokubeka into evalayo kwitonela zazo – mhlawumbi zenzela ukuvalela 'izibhadubhadu' ezingalindelwanga.
- **lintuku** azizityi izityalo ezizitswele ezizivunayo, koko zizigcina ekupheleni kwemingxuma yazo (izitswele ezilinganiselwa kumawaka amahlanu (5000)

Yeyiphi eyona yona? 1-3

Tyhila kwiphepha 57 Khawuchaze zonke ezi zilwanyana. (1-3)


njengokuya! Kuye kuthi xa kungakhange kusetyenziswe oko kutya, ezo zitswele ziphinda zihlume ziphumele ngaphandle zikhule.

- **Inkwakhwa** imba emhlabeni oyisanti izingela iintuku. Khawube nombono wayo iwuvula kakhulu loo mlomo wayo iginya ixhoba layo (ngamanye amaxesho elo xhoba layo/ukutya kwayo kuba kukhulu kangangomvundlal) Nokuba ingankulu kangakanani na inkwakhwa, kodwa intlokwna yayo incinane kwaye itsolo, ingangeesentimitha ezintathu (3cm) ububanzi. (Inkwakhwa iqala ngokulufuthanisela ixhoba layo ngaphambi kokuba ilitye).

WHAWU! liNtuku zinamazinyo okuluma amade abukhali asebenza njengezixhobo zokugrumba, kwaye ayayinceda intuku ikhuphe umhlaba olinganiselwa kwittoni ezimbini (2 tons), oko kukuthi amawaka amabini eekhilogrem (2000 kg) zomhlaba (oko kungalingana neebhaki/iiveni ezine zomthwalo womhlaba) kwihekthare nganye (masithi into enokulingana nebala lebhola yombhoxo ubukhulu) ngonyaka!

Kumnandi ukwazi:

Dibanisa amachaphaza ngomgca – 1 ukuya kuma 42 – ubone ukuba ngubani lo uzimele ngelitye.



Jonga kwikhwizi uBusazi ukuba- nekhroswedi kwiphepha 58 ukhangele iimpendulo.



ISAHLUKO 5



Umzila wabantu

Faka iinyawo zakho kwisichityana samanzi. Ngoku ke khawunyathele kwindawo esanyentiweyo okanye egangathwe ngezitena (ipheyivingi) wandule ujunge umzila weenyawo zakho ezimanzi uzobeka ngasemva...

Naphi na apho sihamba, sibaleka, sichophe okanye sime khona, sishiya imizila yeenyawo zethu. Imizila yeenyawo ezimanzi yoma kwangoko ize emva kwexeshana iphele ingabonakali. Xa sihamba elunxwemeni lolwandle siye sithi sakujonga ngasemva sibone imigca yemizila yeenyawo zethu, ade abe amaza olwandle ayicima kancinane kancinane ide iphele.

Sishiya imizila yeenyawo kuyo yonke indawo esinyathela kuyo emhlabeni. Eminye icimeka lula ize ishiyeke isanti okanye umhlaba undindene kwakhona. Eminye ke imizila yeenyawo zabantu iba negalelo elikhulu ibangele umonakalo omkhulu.

Ikhangeleka njani le mizila itshabalalisayo size senze ntoni ngayo?





Funda kwisahluko 5 ucinge ukuba zingathini izahloko ezifanele le mifanekiso

Tyhila kwiphepha 29 Uyasisibona esi sitiya? Ngoku ke khawucinge yonke imifuno onokuyolima esitiyen i sakho. Yeyiphi imfuno oyithandayo? Yeyiphi ongayithandiyo?
Umuntu usenkuba nesityiana sokutyalala iziqhamo nemifuno – yiyiphi imizekelo onokucinga ngayo?

UKhukhuliseko lomhlaba: Ukuba uyzincothula izityalo emhlabeni, umhlaba uya kukhukhuliseka ngokulula. Iimvula ezinkulu zigrumba imijelo enzulu kwindawo ezithambekileyo ezingakhuselwanga, uze umhlaba ongaphezulu ube sesichengeni sokukhukhuliseka. Umoya nawo, uyawukhukhulisa umhlaba ongaphezulu, ngakumbi ngamaxhesha embalela. Ukungaphathwa kakuhle komhlaba, ukufudukela ezidolphini kunye noguquguqukuqo lwemozulu, ezo zinto zingalelo ekubeni umhlaba ube nokukhukhuliseka lula. Ukwanda kwabantu kunyusa iqondo lobunzima ezifameni. Ukuba ukhukhulisekile umhlaba, kuthetha ukuba umke umphelo.

Ukwenza icebo:

- Kufuneka siwubambe umhlaba. Eyonu ndlela ilungileyo kukulima izityalo. Ukwangeza koku, elona cebo lililo kukulima izityalo ezidalelwé ukukhula kuloo mmandla – umzekelo izityalo ezityumtyum ezigcina amanzi kummandla weKaroo naseKlein-Karoo kunye nefynbos kummandla wonxweme IwaseKapa nasezintabeni. Izityalo eziyinkulelane yendawo ethile zizityalo ezidalelwé ukuba zilungele ukukhula kummandla othile nezingqinelanayo nemozulu yommandla lowo.
- Ingalicebo eliphilileyo nokuziqalela isitiya sakho semifuno – nokuba sisiqithana nje esincinane ngasemva eyadini yakho. Amathanga, iimbotty nelethisi ozivune esitiyi sakho zingamnandi kakhulu, akunjalo na? Ngaphandle koko, imifuno oyilime yazikhulela esitiyi sakho inempilo kananjalo.
- Tyala umthi ukuze kubekho umthunzi ehlotyeni nendawo aphi zingazakhela iindlwane khona iintaka, kwaye kwangaxeshanye imithi ibamba uhlaza olwabese umhlaba lungakhukhuliseki.

Ezinye iindlela eziluncedo ekubambeni umhlaba ungemki kumhlaba wolimo:

- Kukulima izinto ezbibiza ngokuba 'zizityalo ezizikhuse-mhlaba' ezikhula ngokukhawuleza ezifana neklova ethi iwubambe umhlaba osaphunyuzwe ekulinyweni.
- Kukulima ngokunqumleza ulandela ii-ankile kwindawo elithambeka kunokulima imiqolo ehlayo kwindawo enjalo, kunceda ukumka komhlaba yakuna imvula.
- Kukulima ngokwamanqwanqwa (njengezitepsi- terracing) ukuthintela ukukhukhuliseka komhlaba ongaphezulu.

UNgcoliseko:

Izitshabalalisi-zinambuzane eziyiKhemikhali zingatyhefa umhlaba ekuhambeni kwexesha. Nangona izitshabalalisi-zinambuzane zibulala izinambuzane ezingafunekiyo, kodwa iyaphazamiseka inkqubo yokuxhathisa yendalo yomhlaba. Izitshabalalisi-zinambuzane zikwabulalo nezinto ezbibalulekileyo ezininzi ezisemhlabeni zize zincede ekwenzeni ikhomposti. Isichumisi esiyifethelayiza naso siya kwazi ukuyiphazamisa inkqubo yokuxhathisa yendalo yomhlaba.

Zama icebo: Indlela yendalo yeypa ndlela ilungileyo. Eyonu motho ifanelekileyo yokukhuthaza ukukhathalela komhlaba inokuthi: Live green (Khathalela uHlaza). Zenzele eyakho ikhomposti – umntu wokwenene uya kwazi ukwenza umgquba (imifuno ebolayo nenkunkuma okanye umgquba wezilwanyana).

- Inkunkuma yendlu neyasegadini efana namaxolo emifuno neziqhamo, iitibhegi ezisetyeniziweyo, amakhoba amaqanda, ingca esikiweyo nomgquba osewubolile wezilwanyana zasefameni zezonza zilungileyo kwikhomposti
- Ikhomposti ichumisa umhlabo kwsitsiya semifuno okanye eseentyatyambo
- Ikhomposti ikwindawo yesibini ethi ibe 'luhlaza olwambese umhlaba'
- Ikhomposti inceda ekuvuseleleni ngokutsha izindlo ezbibalulekileyo ebezikhе zasebenza, kwaye iphucula umgangatho womhlaba
- Izityalo eziyinywe kumhlaba ochunyiswe ngekhomposti zinezakha-mzimba ezininzi kwaye zinempiro. Abantu abatya ezi zityalo (imifuno, iziqhamo neenqoba) bahlala besempilweni kwaye baphila 'ngohlaza'
- Phantsi kwayo nayiphi na into erhoqozelayo okanye ehububhuzela ibhabha kwimfumba yekhomposti iluncedo kuba ezo zinto ziyingxalenye yendalo kwinkqubo yokubola kwezinto eziyorganikihi.
- Ungakulibali oku: Umgquba oyikhomposti ufuna umoya. Hlokohla uphakamisa imfumba yomgquba ngeftosholo ukuze kungene umoya. Izichumisi zeziyalo kufuneka zingabimanzu, koko zifume. Amaphepha-ndaba nawo akulungele ukwenza ikhomposti. Kraziula amaphepha abe

ziziqwengana, waxube nemvuthuluka yamaggabi ayinkunkuma yemithana ebichetywa kune nenyenye inkunkuma eluhlaza, uzenze zonke izinto ozixubayo zilingane ngokomlinganisel. Wugalele amanzi umxube wakho ngekani lamanzi (watering can) udibanise kwimfumba yakho yekhomposti.

Kunokuba usebenzise isibulali-zinambuzane, cinga ngohlaza.

- Lima ibhezili phakathi kwemiqolo yeetumata, iskwashu, amathanga nemixoxozi. Ayiniki nje ubuncwane bendalo emifunweni, koko igxotha nezinambuzane.
- Ukuba ulima izitalo zasebusika phantsi kweerozi, iintwala zemithi kune nomngundo awubikho.
- IRozimeri ibizela iinyosi namabhabhathane esitinya sakho.
- IPasli ungaryilima ecaleni kweerozi neetumata ukugcina imithi yakho yeerozi ingahlaselwa zizinambuzane nazizitshabalali seztitalo. IPasli isebeza nangesinongo kwizidlo ezaahlukeneyo.
- Lima izitalo eziyi-nasturtiums ecaleni kwebrokholi kuba iyazigxotha iintwala zemithi. Ziyawugquma nomhlaba kwangokunjalo xa ziphakathi kwezityalo ezifana nombona, itumata nekhaphatshu.

Ukulayihla nje inkunkuma:

Inkunkuma eqinileyo efana neentsimbi, iiplastikh, iigiasi namacangci amadala enza ungciliseko lomhlaba nemondalo

Ungenza ntoni? Yivuselele ngokutsha!

- Gcina umgqomo owodwa wenkunkuma ekhitshini ukuze ulahle kuwo zonke iiplastikh eiżebenizileyo ezifana neetoti zeeyogathi, ezmajarini, eze-ayiskhrimi namakhoba obisi.
- Omnye umgqomo wenkunkuma wubekeli ukufaka inkunkuma yezinto zonke ezenziwe ngeglasi, amakhoba enziwe ngeglasi, iibhotile, nezinye izinto zokuphatha ezikwanjalo.
- Beka nomnye umgqomo wenkunkuma ojenyelo ngemveliso yamaphepha asesebenzile, umzekelo iibhokisana ezingenato zesepha engumgubo nawesiriyeli, iipakethe zamaphepha eeswiti ezingenato – kune namaqakobhe ephepha langasese.
- Omnye umgqomo ungawusebenzisela ukulahla inkunkuma yemveliso yezinto eziziitoti, njengeetoti zokuta okunkonkxwayo, ezeziselo nezinye izinto ezikwanjalo.

Thwala yonke iinkunkuma yakho uye kuyivuselela ngokutsha kwidepho ekufuphi nave eyenza loo msebenzi. Le nkunkuma iya kubekwa esikalini ukujonga ubunzima bayo uze emva koko ufumane imalana ngenkunkuma yakho evuselelwa ngokutsha. Zonke izinto eziyinkunkuma zekhaya lakho ziya kuphinda zisetyenziswe endaweni yokuzilahla jwii phaya ziggibebe ngokonakalisa umhlaba.

Ubusazi ukuba?

- Ikhomposti ingumhlaba onokuwenza.
- Umhlaba kungoku nje ukhukhuliseka ngokukhawuleza ngokuphindeke kangangezihlandlo ezingamashumi amabini (20 times) kunaxa usenzeka.
- IPholistayiri, luħlobu lweplastikhxi enegwebu ehħala ixesha elfikelela kumakhulu amahlanu (500) eminyaka. Ayifane ikrazuke, kwaye akululanga ukuyivuselela ngokutsha, ngenxa yokuba kubiza imali eniniż kakhulu ukwenza loo nta. Ngoko ke xhasa imizi-mveliso engasebenzisi olu hlolo lweplastikhxi.
- NgoJuni wowama-2015 uPope Francis wathetha la mazwi alandelayo: "The earth... is beginning to look more like an immense pile of filth."oko kukuthi, 'umhlaba ... uyaguquka uba yimfumba nje yenkkunkuma.'

WHAWU! Umlinganisel wenkunkuma eyenziwa nguMzantsi Afrika ngamakhulu amahlanu anamashumi amahlanu ekhilogram (550 kg) - ngonyaka.

Abantu bahħala apha:

Sisebenzisa umhlaba ukwakha izindlu, iicawe, izikolo, izibħedle, iindlela, iiblorho, amadama, imizi-mveliso nokunye. Apha kweli lizwe lethu imizi eyakħiwe ngokwemveli yenziwe ngomhlaba ongħmdongwe yaza yafulwelwa ngengca. lingqayi esizisebenzisay kumakhħaya ethu zenziwe ngomħongwe.

Umhlaba emħlambeni:

Umhlaba usisiseko sayo yonke into. Uyintsika yethu, kwaye usenza sikkwazi ukuma singawi xa sinyathele phantsi kuNozala uMħlabba. Sidwalie ngomhlaba kwaye siya kubuyela lwasemħlabeni sakufa.

Njengoko eyibeka ngobuciko obukhulu uMufasa ethetha noSimba we- Disney's The Lion King (uSimba, uKumkani iNgonyama): "Everything you see exists together in a delicate balance... from the crawling ant, to the leaping antelope... When we die, our bodies become the grass and the antelope eat the grass. And so, we are all connected in the great Circle of Life." Oko kukuthi, 'Yonke into yibonayo iyaphilisana, kwaye ithubeleza phantsi kwamanzithinzithi obomi... ukusuka kwimbovane enambuzelayo ukuya kwinyamakazi etsibatsibayo... Xa sisifa, imizimba yethu iba yingca ize ityiwe ziinyamakazi. Ngoko ke siyaphilisana kuMjikelezo wabo uBomi.'

Kumnandi ukwazi:

Nceda abahlobo bethu bafumane izinto ezilishumi elinesine ezingezozasendle



Tyhila kwiphepha 63 Uyayibona le foto yomgquba oyi-organikhi? Cinga ngazo zonke izinto ezenziwe nge-organikhi eziluncedo olukhulu ekwenzeni umgquba oyi-organikhi uchume.

Bykomende antwoorde / Extra answers / Impendulo

Antwoorden - Answers - Impendulo

Bronnelys/ Bibliography:

- A Complete Guide to the FROGS of Southern Africa – Louis du Preez & Vincent Carruthers – Struik Nature - 2009.
- Alles oor Kruie – Margaret Roberts – Southern boekuitgewers - 1994
- East of the Cape – conserving Eden – Richard Cowling & Shirley Pierce – Fernwood press – 2009
- Fynbos plakkaat werkblaaie – Die Botaniese vereniging van Suid-Afrika. Omgewingsopvoeding plakkaatreks –SANBI , BOTSOC
- Hoe hoog kan 'n sprinkaan spring? Interessante feite oor Suid-Afrikaanse goggas - Jaco Jacobs en Renier Terblanche. Lapa uitgewers – 2003
- Hoe wyd kan 'n seekoei se bek ooprek? – Interessante feite oor Suid-Afrikaanse soogdiere – Jaco Jacobs en Renier Terblanche – Lapa –uitgewers – 2002
- Insectlopedia of Southern Africa – Erik Holm – Lapa – 2008
- Intakta – Marina Möller-Eilers – Junior LandCare – Dept Landbou - Wes-Kaap – 2014
- 'n Volledige gids tot die SLANGE van Suider-Afrika – Johan Marais – Struik -2004.
- National Geographic – December 1995 – A Farming Revolution – Sustainable Agriculture – Verlyn Klinkenborg.
- National Geographic – Dec 2015 – Explore Planet Earth: by the Numbers Kelsey Nowatowski (FAO – United Nations Food and Agriculture Organization)
- National Geographic Kids - Recycling for Africa– issue 56 - April 2009
- NATURE – Answers to 1001 questions –Reader's Digest family guide to nature
- Richard L Scheffel – Reader's Digest Association -1984
- Nature Poems and Puzzles – Jill Cadle - Edubooks – 1990.
- Ons gee om! – Ondersteunende leermateriaal vir omgewingsopvoeding - OOPUS
(Omgewingsopvoedingsprojek, Universiteit Stellenbosch) – LandCare - 2005
- Southern African Wildlife – A guide to our mammals, birds, reptiles, insects, fishes, amphibians, invertebrates – Tim O'Hagan - Reader's Digest association - 1989
- Spiders of Southern Africa – Astrid & John Leroy – Struik – 2000/2003
- Symphony of soil: video –www.symphonyofthesoil.com
- Table Mountain – a Natural history – Anton Pauw and Steven Johnson – Fernwood press – 1999
- TIME magazine - December 14, 2015 – International Year of Soil 2015 Honoring a Down to Earth King on World Soil day. (vol 186. no 24 – 2015)
- TIME magazine – Dec 21, 2015 - Quotes
- Valley Thicket Environmental Education poster series – Botsoc and SANBI - 2001
- Veldgids tot die Soogdiere van Suider-Afrika – Chris en Tilde Stuart – Struik - 1988
- Woude – plakkaathandboek – Botsoc en SANBI
- Your Gardening Questions Answered: (Reader's Digest – a practical guide for the SA gardener – Reader's Digest Assoc of SA (pty ltd) Jennifer Godbold-Simpson – 1989



Dankie! Thank You! Enkosi!

- Die Departement van Landbou (Junior LandCare) van die Wes-Kaap vir die finansiële ondersteuning.
- Francis Steyn van Dept Landbou vir die blink plan en geesdrif vir die projek.
- Vuyokazi Stofile for the Xhosa-translation and proof reading.
- Susanne Marais en Jan Vlok vir hul kundige hulp en kennis.
- Ds Wilmar Matthee, CapeNature en Louis Jordaan vir foto's.
- Gerhard Marx vir illustrasies.
- Christina Coetzee en Yvonne Robinson vir proefleeswerk (Afrikaans en Engels).
- Louise van Zyl (Mosprint) vir die bladuitleg.
- Soete Palm se mense vir jul omgee.

